Province of the EASTERN CAPE

EDUCATION

<table>
<tr><td colspan="3">18 – 22 MAY      GRADE 2</td></tr>
<tr><td></td><td></td><td>Izixhobo</td></tr>
<tr><td>Ukuphula phula nokuth-etha</td><td>
Kuncokolwa nge powusta kuze kuphendulwe imibuzo.<br>
Amaxesha onyaka<br>
<br>
<table><tr><td>Intwasahlobo</td><td>Ihlobo</td><td>Ukwindla</td><td>Ubusika</td></tr></table><br>
1. Zingaphi iinyanga zonyaka?<br>
2. Leliphi ixesha lonyaka olithandayo? Ngoba?<br>
3. Xoxani ukuba kwenzeka ntoni kwixesha lonyaka ngalinye.<br>
<br>
4. Bhala ngaphakathi kwisangqa ixesha lonyaka elihambelana nentetho enikiweyo.
</td><td>Itshati yemozulu</td></tr>
</table>

<table>
<tr><td></td><td>
</td><td></td></tr>
<tr><td></td><td></td><td></td></tr>
<tr><td>Isandi<br><br>qh, ty</td><td>Funda la magama, kwenziwe upelo.<br>
</td><td>Uluhlu lwamagama</td></tr>
</table>

| | | |
|---|---|---|
| |  | |
| | | |
| Ukubhala ngesandla | Bhala phezu kwala machaphaza uze ugqibezele le phethini.<br>qqqq<br>ttt<br>ty ty<br>qh qh<br>tyala qhuqha tyisa qhuba<br>UQhamani uhlala eTyutyu. | Ikhadi elibonisa ukubhala ngesandla. |

| | | |
|---|---|---|
| | | |

Ukubhala

1. Kule phazili kufihlwe amagama ezi zinto zingezantsi. Khangela lo magama uze igama ngalinye olifumeneyo ulibiyele ngekhrayoni ebomvu.

| | | | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| a | a | g | n | f | k | t | i | x | u | f |
| m | c | y | k | s | d | w | s | r | y | v |
| a | i | q | h | i | n | a | i | n | a | v |
| q | e | h | s | c | p | u | t | y | q | s |
| h | f | m | u | k | u | t | y | a | h | e |
| o | z | i | y | a | l | q | a | s | u | b |
| s | i | t | y | o | t | y | o | m | b | e |
| h | x | j | o | l | y | y | t | b | f | n |
| a | d | v | m | m | e | v | | e | | g |






.



Itshati enephazili yamagama
.

2. Bhala amagama ecaleni komfanekiso ngamnye.

1.  ............................................................

2.  ............................................................

3.  ............................................................

4.  ............................................................

5.  ............................................................

6.  ............................................................

3. Ukubhala ileta

**Izinto ezibalulekileyo xa ubhala ileta yobuhlobo.**

- **Idilesi** yakho yeposi. Ezantsi kwedilesi ubhala **umhla** oyibhala ngayo ileta.
- **Umbuliso** _ Apha ubulisa umntu ombhalela ileta.
- **Isiqu** – Ubalisela lo mntu umbhalela ileta iindaba zakho.
- **Isiphelo** – Uyabhala ukuba ileta ivela kubani.

**Khetha kula magama angezantsi uwabhale kwibhokisi echanekileyo ubonise indlela yokubhala ileta yobuhlobo.**

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| Isiphelo | Umhla | Isiqu | Umbuliso | Idilesi |

| | | |
|---|---|---|
| | | |
| Ukufunda | **Amaxesha onyaka**<br><br>Kudala dala kwakukho ukhuphiswano phakathi koodade abane, uBusika owayengoyena umdala kubo bonke, ebanda kwaye esoyikwa ngumntu wonke, uNtwasahlobo owayenobubele, ethandwa ngumntu wonke, uHlobo wayefudumele, enothando kodwa enobushushu obugqithisileyo kunye no Kwindla, owayeneentloni ethanda ukuzihlalela yedwa. Bonke babebahle ngokugqithisileyo, kodwa umntu ngamnye wayohlukile komnye ngendlela adalwe ngayo.<br><br>Abazali babo, uHlabathi noSibhakabhaka babengafuni ukuba ngabagwebi kolu khuphiswano kuba kaloku kubo, babebahle bonke. Bagqiba kwelokuba mabayokucela uLanga. Wathi emva kokuba ethe nqumama okomzuzwana ezama ukucinga ngesi sicelo, wathi mabeze kuye ngemini elandelayo benxibe eyona mpahla yabo intle. UBusika wanxiba impahla yakhe emhlophe, kodwa uLanga wayengakwazi ukumbona kakuhle kuba wayegqunywe yinkungu. UNtwasahlobo wayekhangeleka emhle kwilokhwe yakhe yeentyatyambo, inamagqabi agqamileyo aluhlaza. ULanga wamfumanisa enomtsalane. UHlobo wavela naye enxibe ilokhwe entle epholileyo, nayo uLanga wayithanda kakhulu. UKwindla wayeneentloni zokuvela baze oodadewabo abathathu bamnyanzela. Uthe akuvela, wasuka uLanga wamangaliswa kukubona loo mibala mihle ayinxibileyo, wangcangcazela wawa nasesitulweni sakhe. Saze isithsaba segolide sabe ke siphunyelewa ngu Kwindla. | Ibali ngamaxesha onyaka |
| | | |